higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE

NQF LEVEL 3

(Iphepha lesibini)

(4101233)

14 November 2023 (Y-paper)
13:00–15:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha amane.

043Q2N2314

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lesibini)
IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 100

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU.

   ICANDELO A: Ingxelo [50]
   ICANDELO B: Imihlathi emide. [30]
   ICANDELO C: Imihlathi emifutshane. [20]

2. Phendula umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: INGXELO

UMBUZO 1

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-150 ukuya kuma-250.

1.1 **INGXELO**

Benifumene isibonelelo senkxasomali kusomashishini waphesheya kolwandle sokuncedisa ekuvuseni amakhaya athe onakala ngenxa yemvula enkulu ibikhona kwiphondo ohlala kulo.

Njengonobhala wequmrhu lezophuhliso kwiphondo elifunyenwe zizantyalantyala zemvula, bhalela usomashishini onixhase ngemali ingxelo echaza indlela eniyihlahle ngayo inkxasomali yokuvusa amakhaya adilikileyo.

OKANYE

1.2 **INGXELO**

Kwisikolo ofunda kuso bekusamkelwa inqununu entsha.

Njengonobhala wesigqeba sabafundi iSRC, bhala ingxelo eya kubafundi besikolo ubachazela ngendlela lo msitho ohambe ngayo.

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-120 ukuya kwi-150.

2.1 **IAJENDA NEMIZUZU**

Ungunobhala wombutho wokugcina ucwangco nokhuseleko ekuhlaleni. Ningamalungu alo mbutho benibambe intlanganiso eshukuxa umba wokhuseleko lwabahlali.

Bhala i-ajenda nemizuzu yale ntlanganiso.

OKANYE

2.2 **IOBITSHWARI**

Umelwane wakho uye wasweleka ngesiquphe kwingozi yemoto. Usapho lwakhe lukucelile ukuba uluncede ekubhaleni iobhitshwari/intyilabomi yomfi eza kufundwa ngemini yomngcwabo.

Bhala iobhitshwari njengokuba ucelwe lusapho.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathana ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama angama-80 ukuya kwi-100.

3.1 **ISIBHENGEZO**

Ufuna ukuziqalela ishishini lakho lokuthengisa inyama yangaphakathi yenkomo evuthiweyo kwindawo ohlala kuyo.

Bhala isibhengezo usazisa abahlali ngeli shishini lakho.

OKANYE

3.2 **I-IMEYILE**

Ngeeholide zehlobo benityelele umyezo wezilwanyana nosapho lwakho.

Bhala i-imeyile ubalisela umhlobo wakho ngebenikwenza kulo myezo nilusapho.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100